





It starts with a story...


Help them be readers and writers!


What we believe our children can do and achieve, influences what they see as possible for themselves. When you believe that your children will succeed at reading and writing, and you let them know this, you help them to see that this goal is within their reach. And, as you take the time to read and write with them, they experience the ways in which reading and writing can be satisfying and useful.

How adults respond to children's attempts to read and write either encourages or discourages them. Giving them positive feedback as they try, helps to motivate them to keep at it – and the more they do it, the better

they get at it! Here are some examples of what you can say and do to encourage your children as they learn to read and write.

-  **Talk about learning.** Let your children know that because they are still learning to read and write, what they can do at the moment is not supposed to sound or look like someone who has been doing it for a long time.
-  **Acknowledge their efforts.** Respond positively to every effort to read or write, no matter how small. For example, you could say, "I love hearing you try to read that all on your own!" Also comment on the pleasure your children feel when they have completed something they set out to do, for example, "I can tell you really enjoyed writing your birthday list!"

 **Be interested and proud.** Show an interest in what your children are reading and writing and tell them that you value their attempts, whether or not they do it perfectly.


 **Offer support.** Support your children's attempts to work on their own, without jumping in to correct every mistake they make. Rather, let them focus on understanding as they read and on communicating a message in their writing. Remember that correct spelling and punctuation come in time as a child reads and writes more and more.


What you say and do matters! When you read and write with your children and respond positively and with real interest to their attempts, you are building the foundations for their success as readers and writers.


Bancede babengabafundi nababhali!


Oko sikholelwa kuko ukuba abantwana bethu bangakwazi ukukwenza nokukuphumeza, kunempembelelo koko bacinga ukuba kusemandleni abo. Xa ukholelwa ukuba abantwana bakho baza kuphumelela ekufundeni nasekubhaleni kwaye ubaxelela oko, ubanceda ukuba babone ukuba loo njongo bangafikelela kuyo kwaye bayiphumeze. Kwaye, xa uzinika ithuba lokubafundela nokubhala kunye nabo, bazuzama amava okwazi ukuba ukufunda nokubhala kuyanelisa kwaye kuluncedo.

Indlela abazali abathi basabele ngayo kwiinzame zabantwana zokufunda nokubhala ingabakhuthaza okanye ibatyhafise. Ukubancoma xa bezama kunceda ekubakhuthazeni ukuba bangaziyeki ezo nzame – kwaye okuye bezama ngakumbi kokuye besibangcono ekufundeni nasekubhaleni! Nantsi eminye imizekelo yezinto onokuzithetha nonokuzenza ukukhuthaza abantwana bakho xa befunda ukufunda nokubhala.

 **Thetha malunga nokufunda.** Cacisela abantwana bakho ukuba njengokuba besafunda ukufunda nokubhala, abakwaziyo ukukwenza ngalo mzuzu akumelanga kufane okanye kuvakale njengomntu okwenze oko ixesha elide.

 **Zibulele uzincome iinzame zabo.** Ncoma ngokwakhayo umzamo ngamnye wokufunda nokubhala, nokuba mncinane kangakanani na. Umzekelo, ungathi: "Ndiyakuthanda ukukumamela uzama ukuzifundela loo nto ungancedwa mntu!" Kananjalo, yenza amagqabantshintshi xa abantwana bakho bonwatyiswe kukugqiba into ebebezimisele ukuyenza - umzekelo, "Ndiyakubona ukuba ubukonwabele ukubhala uluhlu lwemihla yokuzalwa kwezihlobo zakho!"

 **Bonisa umdla nokuzingca.** Bonisa umdla kwizinto abantwana bakho abazifundayo nabazibhalayo, kwanokuba uzixabisile iinzame zabo, nokuba oko bazama ukukwenza bakwenza kakuhle okanye abakwenzi kakuhle na.

 **Nika inkxaso.** Xhasa iinzame zabantwana bakho zokuzisebenzela, ngaphandle kokusoloko utsibela ukulungisa iimpazamo abazenzileyo. Kunokwenza oko, gxininisa ekuqondeni njengokuba kufundwa nakunxibelelwano lomyalazo njengokuba kubhalwa. Khumbula ukuba xa kubhalwa, ukupela ngokuchanekileyo nokufaka iziphumlisi kuza ekuhambeni kwexesha ngokokuyebefunda abantwana nangokokuyebhala kakhulu.

Okwenzayo nokuthethayo kunendima enkulu! Xa ufunda kwaye ubhale nabantwana bakho, uncoma ngokwakhayo nangomdla kwiinzame zabo, wakha isiseko sempumelelo yabo njengabafundi nababhali.

Enter our Children's Day competition on page 8 and win storybook and stationery hampers!

Ngenela uKhuphiswano loSuku lwaBantwana lwethu kwiphepha lesi-8 ze uphumelele iihempu eziqulethe izinto zokubhala!



Drive your imagination

Celebrate our children.
Celebrate childhood.

Bhiozela abantwana bethu.
Bhiozela ubuntwana.





Story stars

Growing story leaders!

Every Tuesday afternoon, a group of over 40 enthusiastic 10 to 13-year-olds escape into the world of stories and books at The Young Authors' Club (YAC) in Lansdowne, Cape Town. We spoke to Brenda Rhode, founder of YAC, who works tirelessly to inspire a love of reading in children.

How did you discover the power of reading aloud?

As a teacher, I found that reading aloud to my class – as well as to my own two boys – encouraged them to read. From my measly salary as a teacher I bought read-and-listen audio cassettes with stories on them. All the children I introduced these to simply grew to love stories and books.

Why did you start a reading club?

I wanted to grow and promote a love for reading and writing in children.

What kinds of activities does YAC offer?

We begin with an ice-breaker like a song. Then we focus on stories: reading aloud and storytelling. We also do choral-verse speaking, sing, write and perform poetry, and act out role-playing situations. The time flies by so quickly and we almost run out of time every session – one and a half hours is not enough! Sometimes we invite authors as guests to do creative writing with us. But we always keep things relaxed. Children need support and encouragement when trying new things, and can scare easily if they think they are doing something wrong.

What role do the children play in running the club?

Some of the club members (Yaccers) have leadership positions, like chairperson and club secretary, where they have specific responsibilities for helping to run the club. We don't have access to many books, so some children help by donating books while others, who are library members, bring library books to the club. Yaccers also have plenty of opportunities to share their skills. For example, advanced readers are taught storytelling techniques that they use when they read to smaller groups.

So what's next for the YAC?

We already have a Facebook page, but I want to develop a YAC blog and website, so that Yaccers can share their writing and ideas. I also want to get the children's stories and poems published.

Why is literacy important?

It gives children a voice and exposes them to new worlds and other cultures. Literacy also has the power to bring schools and communities together.



Pic: Anton Scholtz

Iimbalasane zamabali

Ukukhulisa iinkokeli zamabali!

Rhoqo emva kwemini ngoLwesibini, iqela elingaphezu kwama-40 labantwana abanothakazelelo nabaneminyaka eli-10 ukuya kweli-13 ubudala baphumza iingqondo zabo ngokufunda amabali neencwadi kwiklabhu yababhali abasebancinane ebizwa ngokuthi yiYoung Authors' Club (YAC) eLansdowne, eKapa. Sincokole noBrenda Rhode, umseki weYAC, obila esoma evuselela uthando lokufunda ebantwaneni.

Wawafumanisa njani amandla okufunda ngokuvakalayo?

Njengotiishala, ndafumanisa ukuba ukufunda ngokuvakalayo xa ndifundela abafundi beklasi yam – kwakunye noonyana bam ababini – kubakhuthaza ukuba bafunde. Kumvuzo wam ongephi njengotiishala ndathenga iikhasethi zamabali afundwayo kwaye bonke abantwana endathi ndabamamelisa zona basuka bawathanda amabali kunye neencwadi.

Kwakutheni ukuze uqale iklabhu yokufunda?

Ndandifuna ukuvuselela nokuxhasa uthando lokufunda nokubhala ebantwaneni.

Zeziphi iintlobo zemisebenzi nemidlalwana eniyenzayo kwiYAC?

Siqala ngomdlalwana wokususa iintloni ofana nokucula ingoma. Emva koko sigxininisa emabalini: ukufunda ngokuvakalayo nokubalisa amabali. Sikwenza neevesi zokuthetha njengekwayala, sicule, sibhale senze imidlalo yeqonga esekelezwe kwimibongo, sibonise iimeko ezithile ngokuzidlala eqongeni. Ixesha liye likhawuleze kakhulu kwaye sisoloko sishiywa lixesha kwindibano nganye – iyure enesiqingatha ayonelanga kwaphela! Ngamanye amaxesha simema ababhali njengeendwendwe ukuze basibonise ubuchule bokubhala. Ngalo lonke ixesha sithanda ukugcina umoya wokuziphumlela nokuzonwabela. Abantwana badinga inkxaso nokukhuthazwa xa bezama izinto ezintsha, kwaye bangoyika lula xa becinga ukuba benza into engalunganga nengafanelekanga.

Yeyiphi indima edlalwa ngabantwana ukuqhuba iklabhu?

Amanye amalungu eklabhu (iiYaccers) anezikhundla zobunkokeli ezifana nokuba ngusihlalo nonobhlala weklabhu, apho banoxanduva oluthile lokunceda ukuqhuba iklabhu. Asikwazi ukufikelela kwiincwadi ezininzi ngoko ke abanye abantwana basanceda ngokusipha iincwadi, lo gama abangamalungu ethala leencwadi, besiza neencwadi abaziboleke kwiithala leencwadi. IiYaccers zinamathuba amaninzi okwabelana ngezakhono zabo. Umzekelo, abasele bekwazi ukufunda bafundiswa iindlela nobuchule bokubalisa amabali abathi babusebenzise xa befundela amaqelana amancinane amabali.

Yintoni elandelayo ngoku kwiYAC?

Sesinalo iphepha kuFacebook kodwa ndifuna ukwenza iblog yeYAC kunye newebhusayithi, ukuze iiYaccers zikwazi ukwabelana ngeengcinga nangezinto abazibhalayo. Ndingqwenela ukuba amabali nemibongo yabantwana zipapashwe.

Kutheni kubalulekile ukufunda nokubhala?

Kunika abantwana ilizwi kwaye kubabonisa ihlabathi elitsha neenkubeko ezintsha. Ilitheresi inamandla okuhlanganisa izikolo noluntu ibenze banye.

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference. To nominate a Story Star, visit www.nalibali.org/story-stars.



Enjoy every moment


Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iimbalasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya ezizininikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo. Ukonyula imbalasane yamabali, ndwendwela ku-www.nalibali.org/story-stars.

* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
 2. Fold it in half along the black dotted line.
 3. Fold it in half again.
 4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



“I’ll ride my bike at the new house,” said Simon.
 “Ndiza kukhwela ibhayisekile yam endlwini entsha,”
 utshilo usimon.



“I like the sounds
 of this house. I like
 the sounds of this
 street,” huffed
 Lucy.
 “Ndiyayithanda
 ingxolo kule ndlu.
 Ndiyayithanda
 ingxolo yesi
 sitlato,”
 ukhuzele watsho
 uLucy.



“I like the smell of this kitchen,” grumbled Lucy.
 “Ndiyayithanda ivumba leli khitshi,”
 wambombozela uLucy.




We publish what we like

This is an adapted version of *Moving house*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ukutshintsha indlu*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




INal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Moving house Ukutshintsha indlu



Jenny Hatton
 Joan Rankin





"I like to lie in this bed," said Lucy.
"Ndiyakuthanda ukungengqa kule bhedi,"
utshilo uLucy.



"I like my room in
this house."
"Ndiyalthanda
igumbi lam lokudla
kule ndlu."

Lucy was upset.
"I don't want to leave this house. It's my house,"
grumbled Lucy.
"No, it's not, it's mine!" answered Simon.
ULucy wayekhathazekile.
"Andifuni kumka kule ndlu. Yindlu yam,"
wambombozela uLucy.
"Hayi, akunjalo, yeyam!" waphendula uSimon.



"I won't have any friends in Bela Bela," sighed Lucy.
"Andisayi kubda nabahlobo eBela Bela," watsho
uLucy ekhathazekile.
"I'll have Jonty,"
smiled Simon.
"Ndiyaye uJonty,"
uncume watsho
uSimon.



And she did.
Kwaba njalo ngenene.

“Where will Jonty sleep at the new house?” asked Simon.
 “In his kennel, of course,” answered Father.
 “Uza kulala phi uJonty endlwini entsha?” ubuzile uSimon.
 “Endlwini yakhe kaloku,” uphendule uTata.



“You’ll like your new bedroom,” suggested Mother.
 “It has a big window and gets lots of sun.”
 “Uza kulithanda igumbi lakho lokulala elitsha,”
 ucebise njalo uMama. “Linefestile enkulu futhi
 ifumana ilanga elininzi!”

“It’s your mother and father’s house, and we all live here!” said Sandi.
 “Yindlu kamama notata wakho, futhi sonke sihlala apha!” watsho uSandi.



“A bed in a window ...
 ... in my new room in the new house. I will love it,” thought Lucy.
 “Ibhedi efestileni ...
 ... kwigumbi lam elitsha endlwini entsha. Ndiza kulithanda,” ucinge njalo uLucy.






"You'd better!"
added Father.
"Kungcono
uyithande!"
wongezile uTata.

"Kodwa uza kuyithanda
indlu yethu entsha eBela,
Bela," utshilo uMama.

"I don't want to leave
Mthathai!" whined
Lucy.
"But you'll like our new
house in Bela Bela,"
said Mother.
"Andfuni ukumka
eMthathai!" uncwine
watsho uLucy.
"Kodwa uza kuyithanda
indlu yethu entsha eBela,
Bela," utshilo uMama.



"Now cheer up, Lucy, you'll like the new house,"
said Father sternly.
"Ngoku yonwaba Lucy, uza kuyithanda indlu
entsha," utshilo uTata ngobungqongo.



"My bedroom is mine," said Lucy.
"The tree house is mine. Also, the tree!" added Sandi.
"Igumbi lam lokulala lelam," watsho uLucy.
"Indlu yokudlala esemthini yeyam. Kunye nomthi!"
wongezile uSandi.



"Will my bedroom really have a big window?"
asked Lucy.
"Yes, your bed will be in the window,"
answered Mother.
"Ingaba igumbi lam ngenene liya kuba
nefestile enkulu?" ubuzile uLucy.
"Ewe, ibhedi yakho iza kuba ngaphantsi
kwefestile," uphendule uMama.



Get story active!



After you and your children have read *Moving house*, try out some of these ideas.

If you have 10 minutes...

- With your children, choose some of the illustrations and discuss how they show Lucy's changing feelings about moving house. Invite your children to share how they might feel about moving house.
- Look closely at the pictures in the story together. They are filled with lots of fun details! Point out the things you find interesting and ask your children what they notice in the illustrations.

If you have 30 minutes...

- Give your children large sheets of paper and crayons or paint and ask them to draw or design their dream home. When they have finished, let them tell you about it in as much detail as they can!

If you have one hour...

- Tell your children about a difficult experience you had as a child. Encourage them to tell you about their difficult experiences and then draw a picture of one of these. Ask your children to write a story about their pictures or you can write the story they tell you and then read it back to them.

Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi, *Ukutshintsha indlu*, zamani ezinye zezi nginga.

Ukuba unemizuzu eli-10...

- Nikunye nabantwana bakho, khethani eminye imifanekiso ze nixoxe ngokuba ikubonisa njani ukutshintsha kweemvakalelo zikaLucy zokuthutha kwindawo ababehlala kuyo. Mema abantwana bakho ukuba babelane ngeendlela abanokuziva ngazo xa benokuthutha kwindawo ebebehlala kuyo.
- Jongisisani imifanekiso esebalini ninonke. Izele ziinkcukacha ezonwabisa! Khankanya izinto ozifumanisa zinomdla ze ubuze abantwana bakho ukuba baqaphela ntoni na emifanekisweni.

Ukuba unemizuzu engama-30...

- Nika abantwana bakho amaxwebhu amakhulu amaphepha kunye neekhrayoni okanye ipeyinti uze ubacele bazobe okanye bayile amakhaya abawanqwenelayo. Basakugqiba, bacele ukuba bakuxelele ngawo, bakunike iinkcukacha ezikangangoko banakho!

Ukuba uneyure...

- Balisela abantwana bakho ngamava akho obunzima owathi wanawo usengumntwana. Bakhuthaze bakubalisele ngawabo amava obunzima baze bazobe umfanekiso malunga namava lawo. Cela abantwana bakho babhale ibali malunga nemifanekiso yabo okanye babhale ibali elo bakubalisele lona uze uphinde ubafundele lona.

How well do you know the Nal'ibali characters?

Read the clues to help you name the children in the pictures.

Clues

1. **Bella** is 5 years old. She lives with her mum and dog, Noodle. Her best friend is Neo. Bella loves all animals – not only Noodle – so she likes stories about animals. But she also likes stories about queens and witches, even though they make her a little scared sometimes!
2. **Afrika** is 7 years old and he loves making things – aeroplanes, go-carts and even cakes! He likes reading "how-to" books and books with lots of interesting facts in them.
3. **Mbali** is just 2 years old and she is Neo's little sister. Mbali loves dressing up and playing with her teddy bear. She also enjoys looking at Neo and Bella's books and pretending to read them.
4. **Neo** is 8 years old. His little sister is Mbali and his best friend is Bella. Neo likes to explore and try out new things. His favourite books are adventure stories, especially ones about pirates!



Ubazi kakuhle kangakanani abalinganiswa beNal'ibali?

Funda aba nobonisela bakuncede ukunika amagama abantwana abasemifanekisweni.

Oonobonisela

1. **UBella** uneminyaka emi-5 ubudala. Uhlala nomama wakhe nenja egama linguNoodle. Umhlobo wakhe osenyongweni nguNeo. UBella uthanda zonke izilwanyana – hayi nje uNoodle kuphela – ngoko ke uthanda amabali angezilwanyana. Kodwa ke uyawathanda namabali angookumkanikazi namagqwirhakazi, nangona ngamanye amaxesha ebumoyikisa nje!
2. **U-Afrika** uneminyaka esi-7 ubudala kwaye uyakuthanda ukwenza izinto – iinqwelomoya, iikari nditsho neekeyiki! Uthanda ukufunda iincwadi ezibonisa "indlela zokwenza izinto" kwakunye neencwadi ezinika amanqaku anobunyani nanomdla.
3. **UMBali** uneminyaka emi-2 nje kuphela ubudala kwaye ngudade boNeo omncinane. UMBali uthanda ukunxiba kakuhle nokudlala ngobherana wakhe. Kananjalo uyakuthanda ukubuka iincwadi zikaNeo nezikaBella enze ngathi uyazifunda.
4. **UNeo** uneminyaka esi-8 ubudala. Udade wabo omncinane nguMbali ize umhlobo wakhe osenyongweni ibe nguBella. UNeo uyakuthanda ukuphicotha nokuzama izinto ezintsha. Ezona ncwadi azithandayo ngamabali odelongozi, ingakumbi ezibalisa ngabaphangi baselwandle!





Celebrate children!

International Children's Day is on 1 June each year. On this day we celebrate what is unique and special about every child.

What do you think makes you special? Perhaps it is that you always give people a lovely smile or are very good at dancing or playing soccer. Or maybe you are a caring friend. Look at what these children had to say about what makes them special.

Bhiyozela abantwana!

USuku lwaBantwana leHlabathi lungomhla woku-1 kweyeSilimela minyaka le. Ngolu suku sibhiyozela okukodwa nokukhethekileyo kumntwana ngamnye.

Ucinga ukuba yintoni ekwenza ube ngokhethekileyo? Mhlawumbi kukuba usoloko ubancumela ngobubele abantu okanye uyincutshe kwibhola ekhatywayo okanye kumdaniso. Okanye kukuba ungumhlobo okhathalayo. Funda ukuba aba bantwana bathi zintoni ezibenza babe ngabakhethekileyo.



What is special about me

What makes me special is that I have a twin sister. We share things all the time. We were both in our mum's tummy at the same time, we were born on the same day, only 15 minutes apart.

We are both in the same grade and 9 years old. We play together. We sleep in the same room in different beds, but we used to sleep in the same bed. We share toys and things my friends give me. Some of our friends are different and in different classrooms, but in the same grade. We sometimes wear the same clothes.

That's what makes me special.

Zizipho Mahobe, 9 years old

I'm glad I'm me

No one looks
The way I do.
I have noticed
That it's true.
No one walks the way I walk.
No one talks the way I talk.
No one plays the way I play.
No one says the things I say.
I am special.
I am me.
There's no one else
I'd rather be!

Anonymous

Yintoni ekhethekileyo ngam

Into endenza ndibe ngokhethekileyo kukuba ndineweke elingudade wethu. Sabelana ngento yonke ngalo lonke ixesha. Sobabini sasisesiswini sikamama ngaxeshanye, saze sazalwa ngosuku olunye kodwa sashiyana ngemizuzu eli-15.

Sobabini sifunda kwibanga elinye kwaye iminyaka yethu ili-9. Sidlala kunye. Silala kwigumbi elinye kwiibhedhi ezimbini ezohlukileyo kodwa sasikade silala ebhedini enye. Sabelana ngezinto zokudlala nezinto abahlobo bam abandipha zona. Abanye abahlobo bebu bohluke kwaye bafunda kwiiiklasi ezohlukileyo kodwa kwibanga elinye. Ngamanye amaxesha sinxiba iimpahla ezifanayo.

Yiloo nto endenza ndibe ngokhethekileyo.

UZizipho Mahobe, uneminyaka eli-9 ubudala

Ndiyavuya ndindim

Akukho namnye ofana nam.
Ndiqaphele ukuba
Oko kuyinyaniso.
Akukho namnye ohamba ngendlela endihamba ngayo.
Akukho namnye othetha ngendlela endithetha ngayo.
Akukho namnye odlala ngendlela endidlala ngayo.
Akukho namnye othetha izinto endizithethayo.
Ndikhethekile.
Ndindim
Akakho ofana nam
Ndikhetha ukuba nje!
Umbhali wayo akaziwa



Enter our Children's Day competition!

If you are between the ages of 3 and 11, send us your drawing and/or piece of writing about what makes you special or what is special in your life. You could win an exciting prize!

- Winners and runners-up will be chosen in each of four categories: best drawing; best poem; best story/description; the reading club/school that submitted the most entries.
- The winners in each category will receive a book hamper from Cambridge University Press worth R10 000. Runners-up will receive a stationery hamper from Waltons worth R750.
- You can write a story, a poem or a description which is no more than 300 words.
- You can write in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.
- You can also draw a picture.
- Your drawing or writing must reach us by 22 July 2013.
- Send them to letters@nalibali.org or Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132. Unfortunately, we are not able to send them back to you.

CAMBRIDGE

Waltons
Breeding success

Ngenela uKhuphiswano loSuku lwaBantwana lwethu!

Ukuba uphakathi kweminyaka emi-3 neli-11, sithumelele umzobo wakho kunye nesiqwengana osibhalileyo malunga nokuba kutheni ungokhethekileyo okanye yintoni ekhethekileyo ebomini bakho ukuze ubesethubeni lokuphumelela ibhaso elincumisayo!

- Abaphumeleleyo nababambe indawo yesibini baza kukhethwa kwicandelo ngalinye kula mane alandelayo: owona mzobo mhle; owona mbongo umnandi; elona bali limnandi/ eyona nkcazelo icacileyo; eyona klabhu yokufunda/ esona sikolo singenele ukhuphiswano amaxesha amaninzi.
- Abaphumeleleyo kwicandelo ngalinye baza kufumana ihempu yeencwadi evela kwaCambridge University Press exabiswa R10 000. Ababambe indawo yesibini bona baza kufumana ihempu eneencwadi zokubhala evela kwaWaltons exabiswa R750.
- Ungabhala ibali, umbongo okanye inkcazelo engadlulanga kumagama angama-300 ubude.
- Ungabhala ngesiNgesi, i-Afrikaans, isiXhosa kunye nesiZulu.
- Usenakho nokuzoba umfanekiso.
- Umzobo wakho okanye okubhalileyo kufuneka kufike kuthi ngomhla wama-22 kweyeKhala kowe-2013.
- Zithumele ku-letters@nalibali.org okanye ku-Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132. Ngelishwa, asikwazi ukuphinda sizithumele kuwe kwakhona.

In your next Nal'ibali supplement:

- Celebrating one year of Nal'ibali supplements
- Story Stars: Inspiring reading clubs in the Nal'ibali network
- A special first-birthday-edition story, *The worst birthday ever*
- The first part of the story, *The lonely tailor*

Can't wait until next week for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)



Find us on your cellphone:
www.nalibali.mobi
Sifumane kwiselula yakho:
www.nalibali.mobi

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Sibhiyozela ukugqiba unyaka wohlelo lweNal'ibali
- Iimbilasane zamabali: Iiklabhu zokufunda ezivuselelayo kunxibelelwano lweNal'ibali
- Iibali elikhethekileyo lopapasho olubhiyozela ukugqiba unyaka, isihloko salo sithi *Olonu suku lokuzalwa lwakhe lwalubi*
- Inxalenye yokuqala yebali elisihloko sithi *Umthungi owayelilolo*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ukuze ndifumane ezinye iingcebiso ngamabali, amabali amatsha neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali. Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

